



Isalathiso: 20170712-2901  
12/2/11/1/2  
Imibuzo: Alistair Mather – 021 4672962

INGcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam yeGET: DCG 0013/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi beZifundo, nakwiiNqununu zazo zonke izikolo

**Isihloko: Oomasifundisane be-Africa Code Week “Train the Trainer” babo bonke ootitshala bamaBakala 3 ukuya ku-10**

1. Iziko i-Cape Town Science Centre libambe oomasifundisane ababizwa Africa Code Week “Train the Trainer” workshops abaxhaswa yinkampani ye-software yamazwe jikelele neyenziwa ngamaziko i-Cape Town Science Centre ne-Galway Education Centre.
2. Iveki i-Africa Code Week liphulo lamazwe ngokubanzi (*continent-wide initiative*) lokukhuthaza ukukhowudwa kwekhompyutha (ukuprogramywa kwekhompyutha (*computer programming*)) kulutsha olusebenzisa i-software efanekisa ngaphandle kwentlawulo.
3. Oomasifundisane be-Africa Code Week “Train the Trainer” workshops benzelwa kuphela ootitshala baseNtshona Koloni ngaphandle kwentlawulo.
  - 3.1 Aba masifundisane bangahlawulelwayo be-“Train the Trainer” bootitshaala baya kujongana noku kulandelayo:
    - Kutheni kufundiswa nge-coding/computer programming kubafundi abasebancinci?
    - Ingafundiswa njani i-coding/computer programming kusetyenziswa u-SCRATCH (i-software engahlawulelwayo).
    - Anokwenziwa njani amalungiselelo kamasifundisane we-coding/computer programming ukwenzela abafundi abaminyaka iyi-8 ukuya kweyi-16 ubudala.
    - Anokwenziwa njani amalungiselelo oomasifundisane babafundi kanye-kanye ngethuba le-Africa Code Week, ukususela nge-18 ukuya kwi-25 Oktobha 2017.

3.2 Aba masifundisane baxhobisa ootitshala ukwenzela ukuba bafundise abafundi izakhono zokukhowuda/zokuprograma ikhompuyutha ezilula. I-Africa Code Week yenza ukuba babe nolwazi ngokukhowuda/ngokuprograma ikhompuyutha (*coding/computer programming*) yaye ibethelela umdla kwizakhono zokufunda zenkulungwane ye-21<sup>st</sup> ngaphaya kweklasi ezikhuthaza:

- ulwazi lokufunda nokubhala:
- iMathematika;
- izakhono zokusombulula ingxaki;
- izakhono zolwazi ngekhompuyutha; kunye
- nezakhono zokucinga nolwazi ngeenkqubo zezinto ngezinto (*procedural literacy*), o.k.t. ukucinga ngenkqubo zehlabathi.

4. I-Africa Code Week liphulo elikunyaka walo wesithathu kungokunje yaye abaliphumezayo bakhuthaza ootitshala beNtshona Koloni baqhubeka ukuthatha inxaxheba kweli phulo lezembali lelizwe ngokubanzi ngokubhalisela ukuthatha inxaxheba koomasifundisane abangahlawulelwayo be-*“Train the Trainer” workshops*. Ootitshala abathatha inxaxheba baya kunikwa izibonelelo ezingahlawulelwayo, iziphungo neSatifikethi soKubakho (*Certificate of Attendance*).

5. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe WCED) likhuthaza izikolo zibhalise yaye zithathe inxaxheba koomasifundisane be-Africa Code Week *“Train the Trainer” workshops* ngo-2017.

6. ISebe iWCED licela ukuba izikolo ziqaphele ukuba imihla efanelekileyo kwaba masifundisane ngowe-**11, 12 nowe-13 Agasti 2017 (Emva kwemini ngoLwesihlanu, kusasa okanye emva kwemini ngoMgqibelo, nakusasa ngeCawa)**. Ootitshala banako ukuya kwiseshoni yakusasa okanye kweyasemva kwemini nezingekho ngaphezu kweeyure ezimbini ngalo naluphi na usuku kwezi.

7. Yonke imbalelwano iya kuthunyelwa nge-imeyili, nge-SMS kunye/okanye ngefoni yaye mayithunyelwe kwi-Cape Town Science Centre. Ootitshala mabaxelele ukuba bakhetha oluphi na udidi lonxibelelwano xa bebhhalisa.

8. **Ukufumana iinkcukacha ezingaphezulu ngokumalunga noku okanye ngokubhalisa**, uyacelwa uqhagamshelane ne-Cape Town Science Centre ngefoni, ngefeksi okanye ngokungena kwiziko lewebhu layo:

I-Ifoni	021 300 3200 (Ukufumana ingcaciso); 083 276 9509 (Theresa)
I-feksi	086 519 7227
I-imeyili	<a href="mailto:theresafnomfundo@ctsc.org.za">theresafnomfundo@ctsc.org.za</a> okanye <a href="mailto:info@ctsc.org.za">info@ctsc.org.za</a>
Iziko lewebhu	<a href="http://ctsc.org.za">http://ctsc.org.za</a>

9. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala bamaBakala 3 ukuya ku-10 ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**

**UMHLA:** 2017-07-14